Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JUNI 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

IZIQINISEKISO ZOPHICOTHO-ZINCWADI OLUNGENAMAKHWINIBA

Obabona apha beneembasa ukusuka ekunxele ukuya ekunene: umPhathi kaMasipala uCoenie Groenewald, uSharonne Adams weofisi yomphicothi-zincwadi Jikelele eNtshona Kapa, umLawuli weeNkonzo zoLawulo eOverstrand uDesireé Arrison kunye nomLawuli weziMali uSantie Reyneke-Naudé, uSodolophu uRudolph Smith nomPhathiswa wooRhulumente beNgingqi eNtshona Kapa, umPhathiswa Anton Bredell.

UMasipala iOverstrand ufumene isiQinisekiso soPhicotho-zincwadi oluNgenamakhwiniba kunye nembasa kumsitho wokuWongwa kweeMbasa zokuGqwesa kuPhicotho-zincwadi lwaminyaka le obubanjwe eKapa ngowe-10 kuTshaziimpuzi 2017.

Lo ngunyaka wesine iminyaka ilandelelana kwimbali yalo masipala apho uphicotho-zincwadi olungenakhwiniba luthe lwafezekiswa kulawulo olusulungekileyo nokuphathwa kwezimali, nokubonakalisa iinkqubo zokuphatha eziyimfezeko kunye nolawulo lwangaphakathi olufanelekileyo.

OoCeba abandwendwela eOverstrand

OoCeba baseOverstrand bathe bakwiphulo lokundwendwela kufunwa ulwazi, oluthi luqhube rhoqo kwiminyaka emihlanu xa kusaziswa ooCeba abanyuliweyo abatsha, izakhiwo nezixhobo zikamasipala. Eli nyathelo lokufundiswa lihambisana nesiCwangciso soPhuhliso oluHlangeneyo kwaye lijolise ekwaziseni ooCeba ngemimandla yaseOverstrand kunye nemicelimngeni ekusaza kujongwana nayo. Kusuku lokuqala bathe bandwendwela ukusuka eHermanus ukuya eKleinmond, kwaze ngosuku lwesibini, batyelela iStanford neGansbaai.

Iiprojekthi eziphambili kwiOverstrand iphela ezindwendwelweyo ziquka iZiko lokuCoca Amanzi iPreekstoel, iAbility House eHawston, izibukwana iFisherhaven nezinye iiprojekthi ezahlukeneyo zophuhliso lwezindlu netipu, isiTishi soMbane ePringle Bay noVimba waManzi iRooi Els.

Undwendwelo kummandla weHangklip-Kleimnond luthe lwaphela ngokundwendwela iWhale Station nePenguin Colony, nokuqhuba kudlulwa kwiMain Beach, nalapho bathe baqaphela ukukhukhuliseka kweenduli.

Eli qela lithe landwendwela ukusuka eGansbaai ukuya eStanford lidlula kwiZiko lokuCoca Amanzi iDe Kelders ukuya kwiziko lokulawula iindlela ezingenatha eliseKlipgat, izibuko laseGansbaai, amaBala emiDlalo kunye nenxiwa lokungenisa elwandle izikhephe eliseKleinbaai. Bathe bathongulula ooCeba ebebendwendwela ezi ndawo okokuqala.

UKWABELWA NGOKUTSHA KWEZIKHUNDLA ZEBHUNGA

UCeba Archie Klaas

UCeba Klaas urhoxile ukuba nguCeba woMasipala iOverstrand. UbenguCeba kummelo weDemocratic Alliance kuMasipala waseOverstrand kwakunye noSekela-sodolophu woMasipala wesiThili iOverberg, kwaye uya kuqhubeka nesi sikhundla sakhe sesibini de kube lunyulo olulandelayo. Endaweni yakhe kungene uChristine Ann May noqale ukusebenza ngowama-20 kuTshaziimpuzi 2017.

UCeba Christine May

NCEDANI NINGAHLOHLI IZINTO KWIIDREYINI EZISEZITALATWENI ZEZIKHUKULA!

UMasipala waseOverstrand uyaphinda ukubongoza abahlali ukuba mabangalahli izinto ezinjengeoyile yokupheka, ioyile yemoto, inkunkuma yeyadi neyezilwanyana zasekhaya, ipeyinti, udaka lwekonkrithi kunye nezinye izinto zokwakha okanye nazo naziphi na ezinye izinto ezineekhemikhali ezisetyenziswa endlwini, zilahlelwe kwimibhobho needreyini ezihambisa amanzi ezikhukula.

Uthungelwano lwemibhobho ehambisa amanzi ezikhukula lukamasipala lubaluleke kakhulu ekukhuseleni izikhukula ezindleleni nasezindlwini, nanjengoko ixhomekeke kolu thungelwano ukujongana nezikhukula zamanzi aphuphumayo.

Ngokungafani namanzi angena esinkini okanye ethoyilethi kwakho, amanzi ezikhukula awacocwanga kwaye athi aphelele emilanjeni okanye kumachibi de aye kutsho elwandle, nokuthi oko kuchaphazele kwaye kuthibaze iinzame zokugcina ikhwaliti yamanzi aselwayo. Esi sesinye sezizathu esibangela ukuba kungalahlwa iioyile zokupheka namafutha (okanye izinto ezinjalo) kwidreyini.

"Xa sijonga uhlahlo-lwabiwo-mali kunye nabasebenzi bethu, umasipala wenza konke okusemandleni ukulawula isixokelelwano semibhobho yamanzi azizikhukula simeko apho ikhwaliti yamanzi ingayekelwanga. Nangona kunjalo, asinokwenza oku sisodwa. Sidinga abahlali bethu ukuba basebenzisane nathi kwaye bayeke ukulahla nokujula izinto ezingafanelekanga kwimibhobho needreyini zamanzi azizikhukula." utshilo uRoderick Williams ongumLawuli weNkonzo zoLuntu.

Akukho semthethweni ukujika imibhobho yamanzi azizikhukula uyidibanise nemibhobho yogutyulo lindle kwipropati kwaye abahlali bangajonga nomdliwo omkhulu ukuba bangafunyaniswa besaphula umthetho ngokwenza oku.

Yintoni ebangela ukugqabhuka kwemibhobho?

Amafutha okupheka, amavukuvuku, iithemponi, iinwele, iingcambu, isanti, amaphephandaba kunye namaphukeni alahlwayo - akukholeleki kodwa yinyaniso, kuba zidala okona kugqabhuka kwemibhobho kuninzi. Sikwafumana izinto zokwakha, ioyile, amatye, iiplastiki, izinto ezibukhali, izityа, amacephe neemela kwakunye nabantwana abakhutshwe bengekazalwa nengca echetyiweyo kwesi sixokelelwano!

- Amafutha ngawona ayingxaki kuba ancamethela apha emacaleni ngaphakathi kwimibhobho. Asebenza njengeglu encamathelisa amavukuvuku, iinwele, amaphepha neeplastiki; kungentsuku zatywala, umbhobho uyavingceka kwenzeke ugqabhuko.
- Izinto ezinjengeoyile, iparafini nepeyinti zingolisa amawaka eelitha zamanzi ogutyulo kwaye oko kubangela iingxaki ezinkulu kumaziko okucoca amanzi.
- Ukufaka amanzi ezikhukula (amanzi emvula) kwimibhobho yogutyulo kungabangela ukuphuphuma kwale mibhobho igcwale qhu de imibhobho le igqabhuke iphuphumele esitalatweni.

Amanyathelo oThintelo

La manyathelo othintelo alandelayo kumele ukuba asetyenziswe ukuqinisekisa ukuba isixokelelwano semibhobho yogutyulo asivingceki:

- MUSA ukugalela edreyinini ioyile yokupheka esetyenzisiweyo namafutha.
- Yeka amafutha (amafutha avela kukutya okuphekiweyo) ukuba aphole aze aqume okanye aqine. Akube equmile, wasongele kwiphephandaba okanye wafake kwibhegi ngaphambi kokuba ukuwalahlele emgqomeni oqokelelwa veki naveki.
- Amavukuvuku, amaphepha, iithemponi neenaphukeni ezilahlwayo kumele ukuba zilahlwe kwinkukuma yekhaya eqhelekileyo ukusetyenziswa iibhegi ezimnyama kunye/okanye imigqomo yenkukuma, okanye imigqomo esetyenziswa ngabasetyhini xa besexesheni ebonelelwa ngamashishini.
- Inkukuma yeyadi mayingalahlelwa ezitalatweni.
- Phinda usebenzise kwenye into ioyile yemoto.
- Coca imigaqwana eseyadini ngokuyitshayela endaweni yokufaka amanzi.
- Susela kude nesitalato needreyini inkukuma, ilindle lezilwanyana zasekhaya, amagqabi, ingca echetyiweyo, nenkukuma yegadi. Iidreyini zivingcwa yinkukuma yegadi njengamagqabi nengca echetyiweyo kwaye oko kungakhokelela kwiimpuphuma ezitalatweni.
- Izinto zokwakha ezininzi zingena kwisixokelelwano sogutyulo lwelindle xa oonokhontraka okanye abakhi belahla izinto zokwakha kwimibhobho yogutyulo kusetyenziswa iidreyini.

Singalahla phi?

Akukho sizathu sokulahla inkukuma ngokungekho mthethweni kwiilokishi zethu okanye emacaleni endlela. UMasipala ubonelela ngenkonzo yoqokelelo lwenkukuma ethembekileyo kunye nezakhiwo zokulahla kwiOverstrand iphela.

Ioyile esebenzileyo yemoto ingasiwa kwiZiko loSetyenziso ngokuTsha iWalker Bay Recycling kwiNdlela iSwartdam, eHermanus, nalapho kukho umgqomo okhethekileyo olungiselelwe oku. Iikhonteyina ezimbini kunye nothotho lwemigqomo ibonelelwe khona ukuze izinto ezinobungozi ezisetyenziswa emakhaya kuquka inkukuma yeekhompyutha, ikhona kwezi ndawo:

- **eKLEINMOND: Kleinmond Transfer Station, Main Road**
- **eHERMANUS: Hermanus Transfer Station, Swartdam Road**
- **eSTANFORD: Stanford Drop-off, Rivier Street, Industrial Area**
- **eGANSBAAI: Gansbaai Landfill, Voortrekker Street**

Izicelo zeenkonzo zingabhekiswa kwezi nombolo:

eKleinmond 028 271 8400 **eHermanus 028 313 8000**
eGansbaai 028 384 8300 **eStanford 028 341 8500**

IBhunga leDolophu labaTsha laseOverstrand liyaqheliswa

Ngoku likwiminyaka eli-13, iBhunga leDolophu labaTsha (elifinyezwa njenge-JTC) neliphantsi kwe-Enlighten Education Trust enobudlelwane noMasipala waseOverstrand.

Isaci se-JTC sithi: Sifunda ngokukhokela. Iqulathe abafundi abangama-35 bamabanga aphakamileyo ukusuka kwibakala lesi-9 ukuya kwe-12 abavela kwizikolo zemfundo ephakamileyo ezintandathu ezikwi-Overstrand. Amalungu akhethiweyo abonakalisa iimpawu zobunkokheli kwaye anesakhono esibalaseleyo ezifundweni.

Kwisithuba sexesha leenyanga ezi-12 sokuba sesikhundleni kwawo, amalungu eJTC afunda ngobunkokheli nokuba umasipala usebenza njani. Afumana ukuqonda iinkcubeko ezahlukeneyo kunye nentlalo yabantu.

Iiprojekthi zoluntu zibalulekile kwindima edlalwa ngooceba bebhunga labatsha kwaye zibonelela ngeqonga elifanelekileyo lokwenza igalelo kubomi bexesha elizayo obujolise ekubeni kuzuze uluntu lwabo.

I-JTC yaseOverstrand ithe yathabatha umlenze wokuqala wokuqhelenisa ngokundwendwela izakhiwo nezixhobo zikamasipala ngoLwesithathu, 26 kuTshazimpuzi 2017.

IBhunga leDolophu labaTsha laseOverstrand lindwendwele iziko lodluliselo lwenkukuma eqinileyo kunye nezixhobo zokuvuselela ngokutsha izinto ezilahliweyo eZwelihle, eHermanus. Emfanekisweni ohamba neli qela umPhathi we-Enlighten Education Trust JTC, uUnity Mtomile, kunye notitshala oncedisayo eNorthcliff House College, uJohan van der Merwe, kwakunye noJohan van Taak, umPhathi weCandelo leNkukuma eQinileyo: eOverstrand.

Umlenze wesibini uya kuba ngoLwesibini, 16 kuCanzibe 2017 uza kuquka ukundwendwela imimandla yaseStanford naseGansbaai, nalapho baya kufumana ulwazi olongezekileyo ngonikezelo lweenkonzo ngumasipala.

KwiZiko lokudlulisela inkukuma eqinileyo, iqela loceba abancinane abavela kwiziKolo zamaBanga aPhakamileyo iHermanus, iQhayiya (eZwelihle), iHawston, iNorthcliff House College neGansbaai Academia lithe ladibana noJohan van Taak, umphathi wecandelo lolawulo lwenkukuma eqinileyo kumasipala.

Iziko lodluliselo liquka indawo yokushiya ubugoxo okuvela kwizakhiwo, izinto ezinokusetyenziswa kwakhona kunye nenkukuma yeekhompyutha (iikhompyutha neeprinta ezindala), indawo yenkukuma yasendlwini, isakhiwo zokuvuselela okulahliweyo kunye nendawo yokunqunqa izityalo nemithi.

Esona sifundo sibalulekileyo sithe safundwa kukuba, "ukuvuselela ngokutsha okulahliweyo yinto nje umntu amakayifake engqondweni kwaye amakaqale ayenze. Ayikho nzima - cutha inkukuma oyenzayo kwaye phinda usebenzise kwakhona iplastiki, iglasi nentsimbi ngokuthi uyibeke kwiibhegi ezingena mbala ezibonelelwa ngumasipala".

Undwendwelo olu luthe lwavalwa ngetyelelo olusisifundo oluya kwiStony Point Penguin Colony. Umlondolozi wolwandle oyiphezulu weCape Nature uCuan McGeorge, unike ithuba abafundi kubomi bemihla ngemihla beentaka ezingakwazi kubhabha.

UMPHATHISWA UNDWENDWELA IINDAWO EZIPHAMBILI KUKHENKETHO

UAlan Winde, umPhathiswa woQoqosho noLimo eNtshona Kapa, undwendwele iindawo ezingumtsalane kubakhenkethi kummandla waseOverstrand. Befotwe ukusuka ekunxele ukuya ekunene: nguCeba David Botha noDudley Coetzee, umPhathiswa uAlan Wonde, uSodolophu uRudolph Botha kunye nooCeba Elnora Gillion noAndrew Komani.

UAlan Winde, umPhathiswa woQoqosho noLimo eNtshona Kapa utyelele iCape Whale Coast ngoLwesihlanu, wama-21 kuTshaziimpuzi 2017 kwaye uthe waxoxa noSodolophu waseOverstrand uRudolph Smith nekomiti yakhe yolawulo ngokwesigqeba kwakunye namalungu oshishino.

Injongo yondwendwelo lomphathiswa ibikukukhuthaza abadlali-ndima kwezokhenketho ukuba bajolise kwiimpawu ezikhethekileyo zeendawo zabo kwaye baziphawule ezimpawu zikhethekileyo kuzo zonke iinzame zeentengiso, nanjengoko zonke indawo ezindwendwelwayo zidnga ukuzimisela njengezizodwa kunezo zingezinye zikhuphisana nazo nazo ukufumana ingqwalasela yabakhenkethi. Uthe wongeza ukuba ideyitha idlala indima ebalulekileyo kulawulo lwamashishini kunye nokwenza izigqibo kwaye uthe wagxininisa ukuba kubalulekile kushishino lokhenketho ukuqonda ukuba ngoobani abaxumi babo kwaye zintoni izidingo ezikhethekileyo zaba baxumi. Umphathiswa uthe wagxininisa ukuba ideyitha eyikhwaliti ikhona kwaye amaziko amaninzi angahlawula ukufikelela kwiinkcukacha-manani ezithembekileyo. Lo ngumbandela abasemagunyeni kukhenketho ekumele ukuba akunike ingqalelo.

Ukhenketho lushishino lwabahlali bonke, kwaye abathathi-petroli nabancedisi kwiindawo zokutya bayinxalenye yoshishino lokhenketho nengomnini wendlu yokundwendwela. Ngako oko abo babandakanyekayo kumele ukuba baxhotyiswe ngolwazi lwendawo kunye neemveliso ezibonelelwayo khona ukuze bakwazi ukuphendula imibuzo kwaye bacebise abandwendweli ngeendawo ezinika umdla.

Njengomkhweli-bhayisekile obalaseleyo, umPhathiswa uWinde uthethe ngomzila womdyarho weebhayisekile iWestern Cape Cross Cape oza kuqaliswa ngoCanzibe 2017. ICape Whale Coast inayo yonke imizila yeebhayisekile engayinxalenye yeli nyathelo nejolise ekudaleni amathuba emisebenzi kumacandelo oqoqosho ahlukeneyo. Ukhenketho ludlala indima ebalualekileyo kuqoqosho lwaseOverstrand kwaye kumele sisoloko siwabona amathuba okhoyo kwingingqi yethu.

UMASIPALA WASE-OVERSTRAND UBHALISO LWABANTU ABAZIMELEYO / KUNYE NAMAQUMRHU OKUQOKELELA NOKUTHUTHA INKUNKUMA

Njengokuba kwapapashwa isaziso kwiGazethi yePhondo 12 Julayi 2013 esi sisaziso esikhutshwa phantsi kwemiqathango yecandelo 43 (1) loMthetho weOverstrand loLawulo lweNkunkuma oluHlanganisiweyo, lonyaka wama-2013 kwiMithetho kaMasipala, lazisa ukuba bonke abantu kunye namaqumrhu abonelela ngeenkonzo zoshishino ezijongene nokuqokelelwa kunye nokuthuthwa kwenkunkuma kummandla kaMasipala i Overstrand, kufuneka ukuba zibhalise kuMasipala kwaye zifumane ulwamkelo olugunyazisa ukuba baqhube imisebenzi enjalo ngaphakathi kummandla kamasipala. Olu bhaliso lusesikweni lufunekayo, lungqinelana necandelo 25 (1) loMthetho woLawulo lweNkunkuma lokusi Ngqongileyo lweSizwe (Waste Act, 59) ka-2008.

Ubhaliso, olu, lufuneka lwenzeke phambi kowo-1 Agasti 2017. Amaphepha obhaliso olumiselweyo ayafumaneka kwi-website kamasipala **www.overstrand.gov.za** nakwii-Ofisi zikaMasipala, eHermanus, eGansbaai, eKleinmond naseStanford. Ukuba unemibuzo, nceda uqhagamshelane noMnu. Johan van Taak kule dilesi: **jvantaak@overstrand.gov.za**.

UMasipala waseOverstrand uphakamisa umceliimngeni weWheelchair Wednesday yeOAPD

IOverstrand Association for Persons with Disabilities (efinyezwa njenge-OAPD) kutshanje ithe yasindleka inyathelo elibizwa ngokuba yi-Wheelchair Wednesday ngenjongo yokucela umngeni kumaqumrhu kunye nabathabathi-zigqibo ukuba bakhe balandele ekhondweni labantu abasebenzisa izitulo ezinamavili. Yindlela yobuchule yokujolisa ingqalelo kwimiceli-mngeni abantu abasebenzisa isitulo esimavili abajongene nayo mihla le, ngakumbi kwiindawo zempangelo.

UCeba waseOverstrand ozinze eKleinmond uGrant Cohen (osebenzisa isitulo esinamavili, ungaphambili ekunene) kunye noMabhalana omKhulu uDensil Arendse (osebenzisa isitulo esinamavili, ungaphambili ekunxele) bephahlwe ngumnini-teksi, uHazel Thomas (owokuqala ekunene, umile) ubonisa ukuba uyakwazi ukubathutha. Abajongileyo ngabe-OAPD uFarren Gillion (owesibini ekunene, umile) noRosina McClean (owesibini ekunxele, umile) kwakunye neGosa leOverstrand Resort uGamat van Eden (ekuqaleni, umile).

Le projekthi inceda iinjongo ezintathu ezibalulekileyo, ezizezi, ukunyusa ulwazi, ukukhuthaza inkxaso yoluntu nokuphucula ukufikelela kwabo basebenzisa izitulo ezinamavili. Likwajolise ekukhumbuzeni imibutho yengingqi, amashishini kunye noluntu ngokubanzi ngemibandela elula kodwa ibalulekile yokubekela bucala amabala okupaka iimoto zabo bantu bakhubazeke ngokuhamba.

UMasipala waseOverstrand uya kuhlala ezibophelela ekukhonzeni abantu bonke bakhe ngokunoxanduva nemfezeko kwaye ke ngoko akakhange athandabuze ukungena kubudlelwane neOAPD ekuphawuleni iindlela ezingamiselwa ukuquka abantu abakhubazekileyo kwiqumrhu. USekela-Sodolophu waseOverstrand, uDudley Coetzee ekunye noCeba uGrant Cohen, behamba namagosa amabalwa avela kwiiofisi zaseHermanus naseKleinmond abe ngawokuqala ukuqalisa leprojekthi ngoLwesithathu, we-10 kuCanzibe 2017 kwiinzame zokuqonda ngcono amahla-ndinyuka abajongene nayo abantu abakhubazekileyo.

Engumntu ongazoyikiseliyo kwimicelimngeni, uCeba Coetzee, uthabathele kuye ugqatso alumiselwe nguDesiree Gelderblom ongunontlalontle kwaOAPD, ukuba achithe iiyure ezine ehleli kwisitulo esinamavili ngelixa aqhubeka nemisebenzi yakhe yosuku.

USekela-Sodolophu uCoetzee ubongoze amashishini engingqi kunye nabantu ngokubanzi ukuba bazeke mzekweni befumana amava okuchitha iiyure ezine behleli kwisitulo esinamavili khona ukuze bafumane ukuqonda ubunzima abo bachatshazelwa kukukhubazeka ngokuhamba abajongene nazo mihla le yokuphila kwabo. "Sicela uluntu luphela ukuba luzibandakanye neli phulo kwaye luxhase iWheelchair Wednesday yalo nyaka ngale nyanga kaCanzibe", wongeze ngelo.

Le nkqubo iquke ukundwendwela kwizakhiwo zikamasipala ezahlukeneyo, kunye nezinye izakhiwo kule ngingqi, khona ukuze amisele ukuba ingaba zibalungele kangakanani abasebenzisi besitulo ezinamavili. "Oku ibikukuthongulula kum. Mna ngoku ndiyaziqonda kakuhle izithintelo abantu abakhubazekileyo abajongene nazo. Umzekelo nje omnye kukunyuka amathambeka aya kumasango ezakhiwo. Athwalisa ubunzima obukhulu iingalo," utshilo uCohen ngala mava.

NgokukaRosina McClean, unobhala weOAPD, enye yeengxaki ehlala ixelwa ngabantu abakhubazeke ngokuhamba kukunqongophala kwezithuthi ziwonkewonke ezinjengeteksi ezilungiselelwe abantu abangakwazi kuhamba. Belangazelela ukuvavanya le mbono, uCeba uCohen uthe wacela umnini-teksi wengingqi uHazel Thomas othe wacebisa ukuba nangona engazange athuthe umntu osebenzisa isitulo ezinamavili, ezakhe izithuthi zixhotyiswe ngokupheleleyo ukuba zikwazi ukubakhwelisa.

"Nangona lo mcimbi ukubonakale unzima, ulungile ukuba usibonelele ngeqonga lokuba umasipala makangene kwiingxoxo malunga nezinto eziphoso ezikhoyo ngembono yokuqinisekisa ukuba izakhiwo nezixhobo zethu zikulungele ukubasetyenziswa ngabantu abasebenzisa izitulo ezinamavili," ulebele ngelo uCohen.

INGOKUPHAKAMISA ULWAZI NOKUQONDA

Ecacisa ngemicelimngeni ejongene nabantu abakhubazekileyo, uSekela-Sodolophu uDudley Coetzee woleke wathi, "Xa kulula ukukhwela ugxidike kungqameko lwendlela nakwimilimandlela, ukunyuka nokuhla izitephusi nokusebenzisa iithoyilethi zoluntu, ke ngoko kukwalula ukulibala ukuba uthotho lwabahlali bethu linobunzima bokwenza ezi zinto zilula kuthi ukuzenza mihla le."